Injongo yeenkqubo ze-BEd kukuqeqesha nokulungiselela abafundisi-ntsapho ukufundisa iBanga R ukuya kwiBanga 3 (iSigaba esisiSiseko) okanye iBanga 4 ukuya kwiBanga 6 (iSigaba esiPhakathi). Le bhrowutsha iza kukubonelela ngengcaciso ethe vetshe malunga neemfuno neeyantlukwano phakathi kwezi nkqubo zimbini.

## IIMFUNO ZOKUNGENA KUZO ZOMBINI EZI NKQUBO:

<table>
<tr><th colspan="3">IIMFUNO JIKELELE</th></tr>
<tr><td colspan="3">

- ISetifikethi esiKhulu seSizwe (NSC) okanye isetifiketi sokuphuma esikolweni sabeBhodi yeeMviwo eZimeleyo esinomndilili wamanqaku ongama-60% ubuncinane.
- Izifundo ezingenisa eyunivesithi ezine, nalapho isifundo ngasinye sipaswe ngenqanaba 4 (level 4) ubuncinane.

</td></tr>
<tr><th colspan="3">IIMFUNO ZEELWIMI</th></tr>
<tr><td rowspan="3">Ukuba esikolweni ubufunda ngesi-Afrikansi:</td><td colspan="2">Isi-Afrikansi nolunye kwiilwimi ezimbini ezizezinye zikwezi leveli zilandelayo:</td></tr>
<tr><td>Isi-Afrikansi (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala)</td><td>IKhowudi 5/60%</td></tr>
<tr><td>IsiNgesi (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala)<br>okanye isiXhosa (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala)</td><td>IKhowudi 4/50%</td></tr>
<tr><td rowspan="3">Ukuba esikolweni ubufunda ngesiNgesi:</td><td colspan="2">IsiNgesi nolunye kwiilwimi ezimbini ezizezinye zikwezi leveli zilandelayo:</td></tr>
<tr><td>IsiNgesi (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala)</td><td>IKhowudi 5/60%</td></tr>
<tr><td>Isi-Afrikansi (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala)<br>okanye<br>IsiXhosa (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala)</td><td>IKhowudi 4/50%</td></tr>
<tr><td colspan="3">

- Kufuneka kube phakathi kokuba ube upase Isi-Afrikansi (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala) okanye isiNgesi (uLwimi lwaseKhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala) kwiKhowudi 5 ye-NSC (60%)
- Ukuba wenze olunye ulwimi olusesikweni (uLwimi lwasekhaya okanye uLwimi oLongezelelweyo loKuqala) endaweni yesi-Afrikansi nesiNgesi, kufuneka ube olo lwimi ulupase ngama-50% ubuncinane (iKhowudi 4).
- Ukuba ufumene uKhowudi 5 (60%) kwesinye sezifundo zolwimi ezidweliswe apha ngentla, kodwa olo lwimi akulolwimi ubufundiswa ngalo, ungabonelelwa ngokungena okungokuzithandela.

</td></tr>
</table>

<table>
<tr><th colspan="3">IIMFUNO ZEZIBALO</th></tr>
<tr><td rowspan="2">Kufuneka ukuba ube upase enye yezi zilandelayo:</td><td>IZibalo</td><td>iKhowudi 3/40%</td></tr>
<tr><td>ILitherasi yeZibalo</td><td>iKhowudi 5/60%</td></tr>
<tr><td colspan="3">• Abafundi abazibhala iimviwo zabo zokugqibela ngaphambi ko-2008 kufuneka babe bapase iZibalo (SG) kwinqanaba leBanga le-12 ubuncinane.</td></tr>
</table>

<table>
<tr><th colspan="2">IIMFUNO EZIYIMFUNEKO UKUZE UFUNDISE IZIFUNDO (KWISIGABA ESIPHAKATHI SE-BEd KUPHELA)</th></tr>
<tr><td colspan="2">Abafundi be-BEd abenza izifundo zokuFundisa kwiSigaba esiPhakathi kufuneka bathathe iimodyuli ezingokuzikhethela ezimbini ubuncinane kunyaka wabo wokuqala njengezifundo abasenokuzifundisa. Ezi mfuno ziyimfuneko zilandelayo ziyasebenza ngokuphathelene nezo zifundo:</td></tr>
<tr><td rowspan="3">IiNzululwazi zezeNtlalo</td><td>Kufuneka ube upase esinye ubuncinane kwezi zifundo zilandelayo kwibanga le-12 ngama-50% ubuncinane (iKhowudi 4):</td></tr>
<tr><td>EzeeMbali; okanye</td></tr>
<tr><td>IJiyografi</td></tr>
<tr><td rowspan="3">IiNzululwazi zezeNdalo</td><td>Kufuneka ube upase esinye ubuncinane kwezi zifundo zilandelayo kwiBanga le-12 ngama-50% ubuncinane (iKhowudi 4):</td></tr>
<tr><td>IiNzululwazi ngezinto eziPhilayo; okanye</td></tr>
<tr><td>IiNzululwazi ngezinto eziBambekayo</td></tr>
<tr><td>IZakhono zoBomi</td><td>Akukho zimfuno ziyimfuneko zisebenzayo.</td></tr>
</table>

## INKQUBO YOKUFAKWA KWEZICELO NOMHLA WOKUVALA

- Faka isicelo nge-intanethi ku-**www.maties.com** uze ubonakalise i-BEd njengesinye sezifundo ofuna ukuzikhetha.
- Xa ufaka isicelo sokuba uthathwe, kufuneka ubalule inkalo yolwazi ofuna ukugxila kuyo. Ungakhetha phakathi **kweSigaba esiPhakathi (IP – Intermediate Phase) neSigaba esisiSiseko (FP – Foundation Phase)**.
- Ukufakwa kwezicelo kuyavalwa ngomhla wama-**30 kweyeKhala**. Inkqubo yokukhethwa kwabantu iya kuqala kungekudala emva koko.

**Nceda uqaphele ukuba iinkqubo ze-BEd ziinkqubo ekukhethwayo kuzo kwaye akuyonto iqinisekisiweyo ukuba uya kungena kule/kwezi nkqubo, nkqu nokuba ungabe unazo izinto ezifunekayo ukuze uthathwe. Kukufaneleka ngokwezemfundo kuphela okubalayo ngelixa lenkqubo yokukhetha.**



# BEd ISIGABA ESISISEKO

**IZIQINISEKISO ZOKUBA NGUTITSHALA WEBANGA R – 3**

Le nkqubo ibonelela ngeenkqubo zeendlela nemfundo ebonakalayo ejolise kwiBanga R kunye neBanga loku-1 – kwelesi-3.

**Imiba ekuqwalaselwa kuyo kule nkqubo iquka**

- Ukufundisa iBakala R
- Ukufunda nokubhala (izakhono zolwimi)
- Ukubala (izakhono zemathematika)
- Izakhono zoBomi (ziquka uMculo, ubuGcisa obubonakalayo, uMdaniso noMdlalo weQonga neMfundo ngokwaseMzimbeni)

Izifundo eziqulathwe ziimodyuli (iMathematika, iiLwimi, iZakhono zoBomi) kufuneka zilandelwe kwaye zigqitywe ukususela kunyaka wokuqala ukuya kowesine.

**Qaphela:** izinto ezifunekayo zisebenza kuzo zonke ezi modyuli.

Amava okwenza nenkxaso aza kufumaneka ngoqwalaselo oluhlangeneyo nangezikolo ezisebenzisana neFakhalthi yezeMfundo ekufundeni.



# BEd ISIGABA ESIPHAKATHI

**IZIQINISEKISO ZOKUBA NGUTITSHALA WESIKOLO SAMABANGA APHANTSI (IBANGA LESI-4 – KWELESI-6)**

Le nkqubo ijolise kwizakhono zokufundisa, iindlela noko kuqulathwe zizifundo kulungiselelwa ootitshala abaza kufundisa abantwana abadala abakwizikolo zamabanga aphantsi.

**Izifundo zokufundisa ngokukodwa:**

Abafundi bagxininisa kwizifundo ezithile abaza kuzifundisa kumgangatho wezikolo zamabanga aphantsi. Ezi zifundo kufuneka zilandelwe kwaye zigqitywe kwiminyaka emine yokufunda.

| UNYAKA WOKUQALA | UNYAKA WESIBINI UKUYA KOWESINE |
|---|---|
| Iilwimi ezimbini<br>(Khetha phakathi: kwe-Afrikaans, isiNgesi okanye IsiXhosa) | Iilwimi ezimbini<br>(Khetha phakathi: Isi-Afrikansi, isiNgesi okanye IsiXhosa)<br>Qhubeka neelwimi ezigqityiweyo kunyaka wokuqala. |
| IMathematika (inyanzelekile) | |
| Khetha izifundo ezimbini zoku- fundisa / izifundo zamabanga aphantsi ogqwesayo kuzo kwezi zilandelayo:<br>• IZakhono zoBomi<br>• INzululwazi ngezeNdalo<br>• INzululwazi ngezeNtlalo | Khetha izifundo ezimbini zokufundisa /izifundo zamabanga aphantsi ogqwesayo kuzo kwezi zilandelayo: (uyaqhubeka ngezifundo zokufundisa ozigqibileyo kunyaka wokuqala)<br>• IZakhono zoBomi<br>• IMathematika<br>• INzululwazi ngezeNdalo<br>• INzululwazi ngezeNtlalo |




## IIMFUNO ZESAKHONO SOKUSEBENZISA IILWIMI EZILIQELA

Ukuze ufumane enye yezi digri, kufuneka ube uyazifezekisa iimfuno zesakhono sokusebenzisa iilwimi eziliqela ngokujoliswe kootitshala, oku kuthetha ukuba kuzo zombini kufuneka ugqibe izifundo zeelwimi ezimbini (ukususela kunyaka 1 ukuya kunyaka 4):

| Khetha iilwimi zibe mbini oza kwazi ukufundisa ngazo.<br>Khetha kwezi zilandelayo: |
|---|
| Isi-Afrikansi<br>IsiNgesi<br>IsiXhosa |

**Yenza olunye ulwimi olongezelelweyo kwinqanaba lonxibelelwano kunyaka 3:**

| Oko kuya kuthetha ukuthi ulwimi lwesi-3 olongezelelweyo oya kuludinga ukulungiselela imibandela yezonxibelelwano (hayi ukufundisa ngalo) |
|---|
| Unxibelelwano<br>ngesiXhosa<br><br>**Abafundi abahleli kakade besebenzisa Isi-Afrikansi nesiXhosa njengeelwimi zokufundisa, baya kukhululeka bona kulwimi lokunxibelelana.* |

**UkuFunda okuHlangene noMsebenzi (WIL - Work Integrated Learning)**

I-WIL luhlobo lokuFunda ngokuSebenza apho abafundi baya kufumana ukufundiswa ngokufundisa neendlela zokufundisa, kwaye kuya kufuneka ukuba babukele ze bafundise ezikolweni ngelixa leminyaka emine yezifundo zabo. Amacandelo e-WIL kwezi nkqubo zimbini alolu hlobo lulandelayo:

**KuNyaka wokuQala:**

| IINKQUBO ZOMBINI | |
|---|---|
| **IXesha loNyaka** | **UHlobo lwe-WIL** |
| Ngelixa lobude bonyaka | Ukubukela, ukufundisa okungephi nokufundisa oontanga-ndini kwiFakhalthi |

**KuNyaka weSibini noweSithathu:**

| ISigaba esisiSiseko | | ISigaba esiPhakathi | |
|---|---|---|---|
| **IXesha loNyaka** | **UHlobo lwe-WIL** | **IXesha loNyaka** | **UHlobo lwe-WIL** |
| Iiveki ezimbini ekuqaleni konyaka wesikolo | Ukubukela kwisikolo esikufuphi/ esikwidolophu yakho | Iiveki ezimbini ekuqaleni konyaka wesikolo | Ukubukela kwisikolo esikufuphi/ esikwidolophu yakho |
| Kwisimesta yokuqala | Ukufundisa kwisikolo esimiselweyo esilihlakani leYunivesithi yaseStellenbosch | Kwisimesta yokuqala | Ukufundisa okungephi kwifakhalthi |
| Iiveki ezi-8 ukuya kwezi-9 zekota yesithathu yesikolo (ikota yesikolo ye-WCED) | Ukufundisa kwisikolo esikufuphi/ esikwidolophu yakho Unyaka 2: iBanga R Unyaka 3: aMabanga 1 ukuya ku-3 | Iiveki ezi-8 ukuya kwezi-9 zekota yesithathu yesikolo (ikota yesikolo ye-WCED) | Ukufundisa kwisikolo esikufuphi / esikwidolophu yakho AMabanga 4 ukuya ku-7 |

**UNyaka weSine:**

| ISimesta yokuQala | Ulungiselelo lokuqhelanisa nomsebenzi | ISimesta yokuQala | Ulungiselelo lokuqhelanisa nomsebenzi |
|---|---|---|---|
| Iiveki ezi-8 ukuya kwezi-9 zekota yesithathu yesikolo (ikota yesikolo ye-WCED) | Ukufundisa kwisikolo esiseStellenbosch okanye kummandla wayo | Iiveki ezi-8 ukuya kwezi-9 zekota yesithathu yesikolo (ikota yesikolo ye-WCED) | Ukufundisa kwisikolo esiseStellenbosch okanye kummandla wayo |

